

PULA IMVULA

>> GROWING FOOD >> GROWING PEOPLE >> GROWING PROSPERITY >>



EYOMDUMBA
2017

Imibuzo esixhenxe ebuzwa qho NGENKOMFA YEGRAIN SA

Nkomfa yeGrain SA yonyaka iya kuba ngo-mhla wesi-8 nowe-9 kuMatshi walo nyaka. IPula Imvula icele uJaco Minnaar, uSihlalo weGrain SA, ukuba aphendule eminye yemibuzo ebuzwa qho.

Iyintoni iNkomfa kwaye ibunjwa njani?

INkomfa yeGrain SA iyintlanganiso yonyaka jikelele yamalungu kwaye ingoyena gunyaziwe uphezulu weGrain SA. INkomfa ihlangana kanye ngonyaka ngomhla nakwindawo ekhethwe sisiGqeba esiLawulayo. INkomfa ezayo iya kuba ngomhla wesi-8 ukuya kowe-9 kuMatshi ngo-2017 eNAMPO Park, eBothaville.

Yintoni umsebenzi weNkomfa?

Umsebenzi weNkomfa ngulo:

- Uqwelaselo, ingxoxo nokwamkelwa kwezithimmenti zemali yonyaka, ingxelo yomphicothi-zincwadi nengxelo yesiGqeba esiLawulayo seGrain SA;
- Unyulo lukasihlalo kunye noosekela-sihlalo aba-2 (ababini);
- Unyulo IwesiGqeba esiLawulayo;
- Ukukhethwa komphicothi-zincwadi nokwamkelwa kwentlawulo yakhe; ngokunjalo
- Ukupathwa kweminye imibandela yohlobo olulodwa ekufanele ukuba kuxoxwe ngayo.

Abathunywa abaya kwiNkomfa bakhethwa njani?

Umgao-siseko unommiselo wabameli ngo-kwemirhumo ehlawulwa sisithili malunga nezithili zorhwebo. Inani labathunywa ngesithili ngasinye lilungiswa qho ngonyaka ngokubala umyinge weminyaka emithathu weentlawulo zemirhumo ngesithili ngasinye.

Emva kokuzidbanisa nabameli beQela lomsebenzi woPhuhliso IwabaLimi ngowe-28 kuSeptemba ngo-2016, kwavunyelwana ngokuthi abathunywa abaya eNkomfeni abavela kwizithili ezine zophuhliso, babalwe ngokuthathela ingqalelo inani lamalungu ahlawulelwae yonke imali yeKlabhu yeeToni eziyi-250 avela kwezi zithili. Abathunywa abavela kwezi zithili ke ngoko baya kuba njengawi **Theyibhile 1**.

Kwiintlanganiso zezithili eziphambi kweNkomfa, kutyunjwa abathunywa abavela kwizithili abafanele ukuya eNkomfeni.

Ingaba iintlawulo zobulungu zifanele ukuphelela nini?

Iintlawulo zobulungu kunye nomrhumo wempahla yorhwebo (ukuba ikhona) zenziwa ukususela

Imazini yakwaGrain SA
yophuhliso Iwabavelisi

Bala Moteng:

04 | Iminyaka eli-101 yeengxelo
ngemvula – ulwazi olubalule-kileyo ekulinyweni kwezityalo

06 | Imilenze emine yeshishini

08 | Ungaze ulilahle ithembia
– emva kwelifu kukho umtyhi
wokukhanya



03



07





UMAKHULU UJANE UTHI...

nyanga kaFebruwari yenyanga ezizezona zingenangxakeko kwikalenda yomlimi weenkzo – kaloku azikalinywa izityalo zasebusika kanti ezasehlotyeni izityalo zisakhula. Akukho nto ingako unokuyenza ukunceda izityalo ngoku njengoko zifanele ukupuhla zimilisele imbewu ukuze ufumane isivuno.

Umsebenzi wokulima awuphatheleli kuphela ekutyaleni nasekukhuliseni izityalo. Le nyanga ingasebenziseka kakuhle xa unokulungisa izibiyeli nezakhiwo zakho, ulondolo iitrektrara nezixhobo zakho zokusebenza. Kusoloko kuyinto enceda kakhulu ukulungisa impahla yakho ungekabi mkhulu umonakalo – sithi isithetho sesiNgesi ‘Isititshi esinye ngexesha sithintela ezilithoba’ – kusenjalo nanamhla. Ukuba wenza imisebenzi emincinane yokukhanda kwaye usoloko usenza ulondolo uya kuthintela izihlandlo eziliqela zomonakalo othe kratya eziya kukudla imali eninzi kunye nenkcitha-xesha.

Abalimi bezityalo zasebusika baza kuba belungiselela ukutyalala isityalo esilandelayo – siyazi ukuba ixesa lokulima kunya ka-2016 belibalungele kakuhle abalimi bengqolowa nebhali kwiKoloni ese-Ntshona neseMzantsi kwaye sinethemba lokuba nalo unyaka bayakuwuthanda. Khumbula ukuba akulunganga ukukhetha iindlala ezimfutshane – konke okwenzayo kwenze kakuhle.

Kwinyanga ezayo siza kuba nenkomfa yeGrain SA. Kule nyanga, niza kumenya kwiintlanganiso zezithili. Nceda yenza yonke imigudu yokuphumelala njengoko iGrain SA ingumbutho wamalungu kwaye inxaxheba yamalungu iyimfuneko ekugcineni umbutho uphila kwaye uququzelala. Khumbula ukuba ngamalungu ahlawule ngokupheleleyo kuphela anemfanelo yokuya enkomfeni – nceda qinisekisa ukuba amalungu arhwebayo ahlawule ngokupheleleyo ayakhethwa njengabathunywa abaya eNkomfeni.

Imibuzo esixhenxe ebuzwa qho ngeNkomfa yeGrain SA

Itheyibhile 1: Abathunywa bezithili ezsaphuhlayo bahlanganiselwe ngale ndlela:

Isithili	Ilungu lesiGqeba esiLawulayo	Abathunywa
Isithili 28	Maseli Letuka	12
Isithili 29	Gift Mafuleka	7
Isithili 30	Ramodisa Monaisa	3
Isithili 31	Israel Mothabane	12
Ziphelele		34

kumhla woku-1 kuMatshi ukuya ekupheleni kukaFebhuwari owandulela iNkomfa.

Akukho zintlawulo zobulungu ziya kwamkelwa ngosuku lobhaliselo Iwe-Nkomfa okanye ngexesha leNkomfa.

Intlawulo yobulungu ngoku malunga namalungu arhwebayo yiR1 000 nochatha weVAT ngokunjalo nomrhumo wempahlala yorhwebo. Intlawulo yobulungu malunga namalungu eqela lofundonzulu yiR30 ngonyaka.

Amalungu asilelalo ekunamatheleni kwiimfuneko zobulungu, awanakho:

- Ukuya kwiNkomfa njengabathunywa abavotayo; okanye
- Ukutyunjewa ukuba banikele ngenkonzo nakwesiphi isikhundla solawullo. Umntu onjalo unokuya kuphela kwiNkomfa njengombukeli. Nceda qinisekisa ukuba amalungu arhwebayo ahlawule ngokupheleleyo ayakhethwa njengabathunywa abaya eNkomfeni.

Kuza kwenziwa isindululo kwiNkomfa ka-2017, sokuba umgaqo-siseko ulungiswe ukuze ube nezintlu ezimbini kuphela zobulungu, oko kukuthi, amalungu arhwebayo akhupha iitonu ezili-100 zeenkozo ezithengiswayo obona buncinane, kunye holuhlu lwanalungu amaqela ofundonzulu akhupha ngaphantsi kwiitonu ezili-100 zeenkozo.

Imibuzo malunga nobume bobulungu inokuthunyelwa kuPatricia okanye kuElray apha 086 004 7246.

Ndingaya kwiintlanganiso zesithili phambi kweNkomfa?

Isaziso sentlanganiso yesithili siya kukhutshwa ngokusithumela kwiiofisi zeGrain SA nezesithili.

Bonke abalimi beenkozo bamkelekile ukuba baye kwiintlanganiso zezithili futhi babuze imibuzo kubasebenzi beGrain SA nakwiziphathamandla. Ngamalungu arhwebayo okanye amaqela ofundonzulu ahlawule ngokupheleleyo kuphela anelungelo lokuvota kwiintlanganiso zezithili.

Ngubani onokuvota eNkomfeni?

Ngamalungu enze yonke intlawulo yawo yobulungu kuquka nomrhumo woshishino ohlawulwe ngokupheleleyo ekupheleni kukaFebruwari ka-2017, anemfanelo yokuvota njengabathunywa kwiNkomfa.

Unyulwa njani usihlalo, oosekela-sihlalo ababini kunye nesiGqeba esiLawulayo?

INkomfa ifanele ukunyula usihlalo noosekela-sihlalo ababini kubathunywa abaya eNkomfeni, kwaye bafanele ukuhlala esikhundleni kude kuphele iNkomfa emva kweNkomfa ebebenyulwe kuyo.

Umntu unakho ukutyunjwa aze akhethwe njengosihlalo okanye usekela-sihlalo weGrain SA, kuphela xa loo mntu ebethunyelwe njengomnthyunwa ohlawule ngokupheleleyo ukuya kwiNkomfa ethunyelwa sisithili amele sona.

Ukuba usihlalo okanye usekela-sihlalo wokuqala akangommeli wabalimi abasaphuhlayo, usekela-sihlalo wesibini oza kuyulwa, ufanele ukuba ngummeli wabalimi abasaphuhlayo beenkozo.

Ummeli omnye wesithili ngasinye (1 ukuya ku-31) unyulwa kwisiGqeba esiLawulayo kwithuba leminkyaka emibini. Amalungu eziGqeba eziLawula izithili atyunja kwiNkomfa ngabathunywa besithili eso, futhi anyulwa ngabo ngenkquo yokubhala ngasese ephetshaneni.

Kuya kwenziwa isindululo kwiNkomfa ka-2017 sokuba makunyulwe ilungu elinye elifakelwa kwisiGqeba, elimele abalimi abasaphuhlayo.

USihlalo, oosekela-sihlalo ababini kunye nelungu elongezelelweyo abameli isithili.

*Inqaku linikelwe nguJaco Minnaar, Usihlalo:
weGrain SA. Ngolvazi oluthe vetshe, thumela
i-imeyili apha, jaco@compuking.co.za.*

Uthintelo nolawulo IweNtlava yesikhondo emboneni

Umbona sesona sityalo silinywa ngokubanzi eMzantsi Afrika, nesande kakhulu eFree State, eMpumalanga, naseMtla Ntshona ngokunjalo nakwamanye amaphondo amaninzi nakwimihlaba emincinane. Kweli lizwe, sixhomekeke emboneni njengesidlo sethu esiphambili. Yimveliso eyinxenye enku kuqoqosho lwethu ukuze oko kwenze ukuba siwuqaphelisise kakhulu.

Oku kungabonakala kungumngeni ngamanye amaxesha njengoko indalo ithanda ukumana ingacaci. Zonke izidalwa zineentshaba, nkqu nesityalo sombona. Kufuneka siyazi indlela yokukhusela izityalo zethu kwezi ntshaba kangangoko sinakho. Kweli nqaku, siza kuchaza ngokufutshane imiceli-mingeni yokuqubisana neNtlava yesikhondo kwizityalo zethu zombona.

Ukuchongwa kweNtlava yesikhondo emboneni

Owona mgaqo usebenzayo wokufumanisa ukuba ingaba lukhona na uhlaseloo IweNtlava kwisikhondo sombona wakho, kukuzingela nokuhlolola intsimi yakho. Zama ukuzingela olu tshaba ngokwepateni yegridi ukufumanisa umfanekiso jikelele wentsimi. Wakuggiba ukuzingela entsimini ufanele ukuzama ukufumanisa amanani omonakalo ngokwepesenti ukuze oko kuncede kwawena ngokufumanisa ukuba kungafaneleka na ngokoqoqosho ukuthiza ngekhemikhali etshabalalisayo.

Uzikhangela njani iimeko zeNtlava yesikhondo? Umlimi unakho ukufumana ubungqina emboneni kwangoko ukususela kwiiveki ezintathu. Olona phawu lucacileyo olufanele ukupwalaselwa yimingxuma ebonakala igqibebele emaggabini. Oku kubizwa ngokuthi ngumonakalo ‘wembumbulu encinane’. Njengoko lisitsho, imibungu (*caterpillars*) izondla ubukhulu becalo kwisikhondo sesityalo sombona. Kwibanga lokubumbeka kwamanquma, imibungu ngamanye amaxesha iwa phezu kompha wombona ukuze itye kuwo okanye kwisiseko sesikhwebu. Ukuba oku kuyenzeka umlimi maxa wambi uchola izikhwebu zombona eziwe phambi kwexesha, nezingasenamandla aya kwisikhwebu sombona.

Omnye umgaqo wokuchonga iimeko zohlaselo kokukhangela imibungu ngokwayo kwizityalo. Umntu unakho ukuhamba-hamba entsimini ebusuku ukuze afumanise ukuba ingaba akukho vivingane luncinane lungwevu nolumhlophe olukhoyo na. Uvivingane olungwevu lusisduna ukuze olumhlophe lube sisi-



IweNtlava yaseAfrika yesikhondo sombona:

foto – Anremie Erasmus, ARC Grain Crops Institute, Potchefstroom

khomokazi. Uvivingane luyabhabha ebusuku luze lubekele amaqanda alo kwizityalo zombona phakathi kwamakhasi nesikhondo kwiggabi elielona liselitsha nelicombuluke ngokupheleleyo. Amaqanda aqanduselwa abe yimbungu, yona ihamba iye kwiindawo ekukhulwa kuzo, aphozifika zizondle khona.

Ukutshatyalaliswa kweNtlava yesikhondo

Akuba umlimi eqinisekisile ukuba kuthe kanti kukho uhlaseloo olubi Iwentlava yesikhondo kwizityalo sakhe sombona (kukholisa ukuba kwi 10% yezityalo) kufuneka enze isigqibo ngesicwangci so samanyathelo. Umgaqo ophambilil wokutshabalala ngowokufakwa kwemichiza. Umlimi uya kusebenzisa iikhemikhali zokubulala izinambuzane ezenzelwe ukutshabalalisa intlava yesikhondo futhi azandisele ngokusebenzisa isitshizi esijikelezayo. Phambi kokuba umlimi afake iikhemikhali, makaqiniseke ngenjongo yenene yekhemikhali njengoko ingezizo zonke iityhefu ezifanayo. Ezinye iikhemikhali zifuna ukuhlangana ngqo nexhoba kanti ezinye ziityhefu ezifanele ukutyhutyha kuyo yonke indawo, ezo zezijoliswa ekubulaleni imibungwana esemaggabini nasezikondweni zesityalo sombona. Khumbula ukuba zonke iityhefu ziyingozi kwaye zifanele ukuphathwa ngononelelo neinkathalo kangangoko. Nxiba iiglavu, imaski yo-

buso neendondo zokhuselo xa usebenza ngayo nayiphi iikhemikhali.

Uthintelo

Ezolimo zanamhla zihambe umgama omde kakhulu malunga nophuhliso lwemihlanganisa. Emnye imihlanganisa yombona seyhlehangliswa ngokofuzo ukuze ikwazi ukumelana nohlaselo IweNtlava yesikhondo. Oku kuluncedo olukhulu kumlimi malunga nokutshatyalalisa kwezinambuzane ezonakalisa izityalo. Nangona kunjalo, likhona ixabiso. Imbewu yombona weGM iduru ngaphezu kwembewu yesiqhelo engeyoGM. Xa kutyalwa imbewu yombona yesiqhelo owona mgaqo ubalaseleyo wothintelo kukukhawuleza uthathe amanyathelo. Zingela uhole amasimi akho rhoqo ukuze ukhangele uhlaseloo IweNtlava yesikhondo ngokwenza njalo uya kukhawuleza ukuthatha inyathelo xa uchonga ingxaki.

Khumbula ukuba iNtlava yesikhondo nezinye izinambuzane zinesakhono soku-tshabalala amawaka eeRandi obufanele ukufumana ngesityalo sakho. Ngoko ke, sukuyekelela. Qiniseka ukuba usoloko uyazi into eyenzeka entsimini yakho.

*Inqaku linikelwe nguGavin Mathews,
oneMfundu yesiDanga kuLawulo loBume
obusiNgqongileyo. Ngolwazi oluthe vetshe
thumela i-imeyili apha: gavmat@gmail.com.*

Iminyaka eli-101 yeengxelo ngemvula

- ulwazi olubalulekileyo ekulinyweni kwezityalo

KwiPula Imvula kaNovemba ngo-2016 inqaku elalisithi 'Gcina iingxelo zemvula ukucutha imingcipheko' nela-limalunga nokugcinwa kweengxelo zemvula kunye nokuhlolwa kwesiqualatho sokufuma somhlaba wakho, linokufundwa nxamnye neli nqaku.

Senza imibulelo emikhulu kusapho Iwakwa-Johnson eliqlihuba umsebenzi wokufama eWaterlands ngokusinika iinkcukacha ngemvula yeminyaka eli-101. Usapho IwakwaJohnson belufama kwiFree State eseMpuma kwaye lufanele ukunconywa ngokukwazi ukugcina iingxelo zemvula ezinobucukubhede kwithuba lezizukulwana ezithathu zabalimi beli xesha lide kangaka.

Iingxelo zemvula zisenokusetyenziswa ngeendlela ezininzi. Ukwazi ngemikhwa yethuba elide lonyaka neleenyanga kusenokusetyenziswa kumba obanzi ngakumbi wokubala umqukuqelo onokuba wenzekile ukuya emadaminu amakhulu eefama kunye


nokusetyenziswa kwamanzi ngokubanzi nakuwangciselokulinywa kwezityalo kwifama yakho. Kwifama ezinkulu umlimi ufanele ukugcina iingxelo kwiindawo ezahluka-hlukaneyo ngokuxhomekeka ekusetyenzisweni komhlaba kumacandelo nemimandla enesakhono esisezantsi nawesakhono esiphezulu ngakumbi ebisetyenziselwa ukutyalamadlelo namathafa engca yendalo.

Ulondolozo lokufuma emhlabeni xa imvula ifumanek kwithuba elide lokujikeleziswa kwamadlelo nezityalo lubalulekile kwimpumelelo yaho nawuphi umsebenzi wokufama. lindleko ezinkulu nemingcipheko ebandakanya-ka ekulimeni izityalo inokucuthwa ngokusebenzia eyona migaoq ilungileyo yokulima izityalo ngolondolozo lomhlaba nokufuma.

Ukuqwalesela iingxelo zakho zemvula

Igrafu 1 ibonisa imvula yenyanga nganye efuyenwe kwifama iWaterlands kwithuba leminyaka eli-101 nehlanganiselwe ngokudibanisa iingxelo zemihla ngemihla nezenyanga nganye

Igrafu 1: Imvula efunyenwe ngenyanga nganye kwifama yeWaterlands kwithuba leminyaka eli-101.



xa kuthelekiswa nemiyinge yemvula yesithili neyesizwe.

Ubutyebi bolwazi bunokuchola-cholwa ngokuhlalutya iinkcukacha ngeendlela eza-hluka-hlukaneyo. Nangona umyinge wethuba elide ingama-607 mm/ngonyaka, eyona mvula iphantsi efunyenwe ngonyaka wekhalenda ibingama-313 mm ukuze eyona iphezelu ibe ngama-980 mm/ngonyaka. Umyinge ongowona wethuba elide eWaterlands ngama-607 mm xa



kuthelekiswa nama-585 mm/ngonyaka kwisi-thili sama-71 semvula enku lu noko apho ikhoyo le fama kananjalo umyinge wesizwe wama-448 mm/ngonyaka. Okungaboniswanga ngumyinge weFree State wama-590 mm ngonyaka. UMZantsi Afrika ubizwa ngokuba unomhlaba obharhileyo ngenxa yemvula enganeno xa kuthelekiswa namanye amazwe.

Nangona kunjalo, ukufumaneka kwemvula kwimimandla yeemvula eziphezelu kwindawo

ekulinywa kuyo izyalo kuvumela imveliso yorhwebo lwezityalo ezizinkozo ezikwimihlabo eyomileyo ukuba ziyalandelwa izenzo ezi-lungileyo zokufama ngokulondoloza amanzi. Kwiindawo apho kufumaneka umyinge wama-600 mm/ngonyaka ukuya kuma-650 mm/ngonyaka yemvula kuphinda kuxhomekeke kwisakhono somhlaba, ukulinywa kwezityalo zo-qoqosho kunganegalelo kuqoqosho. Umba obalulekileyo kukufumaneka kwemvula ngamaxeshwa

okulima asebusika nawasehlotyeni, mvula leyo enokusetyenziswa ngobuchule kwisivuno esithile sesona sityalo silungileyo. Igrifu ibonisa ukuba kukho umkhwa onenzondelelo enku lu phakathi kwemvula yefama okanye yesithili xa kutheleki-swa nomkhwa wesizwe sethu wonyaka.

Imvula nocwangciselο lokujikeleziswa kwezityalo

Uhlalutyo lweengxelo zeWaterlands lubonisa ukuba imvula engange-471 mm okanye i 78% yesixa esipheleleyo semvula, kwithuba elide, ifunyanwa kwixesha lokulima lasehlotyeni phakathi kukaNovemba noEpreli ize ibe yi-136 mm kwifusi lasebusika okanye kwixesha lonyaka ekungalinywayo ngalo. Isitalo sase-hlotyeni sinokuvavanyelwa ukusebenziseka kwamanzi nesakhono sesivuno phantsi kwezo zithintelo zemvula enokufumaneka eyi-471 mm kwixesha lokulima. Umbona udinga phakathi kwa-ma-500 nama-800 mm wamanzi ukuze ukhuphe isitalo esiphakathi kweetoni eziyi-3,5/ngehektare ukuya kwittoni eziyi-6/ngehektare kuxhomekeka kumhlanganisela, isakhono somhlaba nemilinganiselo yobushushu efumaneka kwindawo yakho yokulima. Xa kusetyenziswa izenzo ezi-lungi-leyo zolondolozu kunokugcinwa ubuninzi kuma-136 mm emvula emasimini phakathi kwezityalo.

lindudumo ezingaphezelu kuma-50 mm kwithuba lokulima ehlotyeni ziya kubangela ukulahleka kokunye ukufuma okongezelweyo ngonyaka ukuze sibe nokufuma okunganga-ma-421 mm okufumaneka kwixesha lasehlotyeni kunye nesabelo semvula yasebusika esilondolozwe emhlabeni ukwenzela ukukhula kwezityalo nakweziphi izityalo zehlobo. Isixa esipheleleyo esiqikelelwayo sokufuma si-nokusetyenziswa kuqikelelo oluchaneke ngakumbi lwemigqaliselo yezivuno ezizezonza zihle ezinokufumaneka ngesityalo ngasinye.

Ngenxa yobanzulu bomhlaba nesixa semvula ngokunjalo nomkhwa, akunakuba bubulumko ukufaka isichumiso okanye ukwandida iimveliso zamalungiselelo ngenjongo yoku-fumana ittoni zesityalo sombona ezi-5 ukuya kwezi-6. Ezi zivuno mhlawumbi bezinokufumaneka kanye okanye kabini kwiminyaka enga-ma-30 xa kwakufumaneka imvula engaphezu kweyesiqhelo. Umgqaliselo weeton eziyi-3,5 ngehektare zazinokufumaneka kwezi meko.

Elokugqibela

Sebenzisa uqikelelo oluchanekileyo lweengxelo zakho zemvula zethuba elide elithile, uhlale uzikhumbula ukwenzela uwangciselο lwemigqaliselo yesivuno sesityalo eyinto ena-kho ukwenzeka nenoqoqosho.

Inqaku linikelwe ngumlimi othathe umhlala-phantsi.

Imilenze emine yeshishini

URaymond Ackerman waphuhlisa iPick n Pay ngokwesiseko sefilosofi yolawulo lwetafile enemilenze emine. Imilenze emine yetafile yakhe abhekiselela kuyo ngabantu (ubutyebi obungabasebenzi), umlenze wempahla yorhwebo (ukwenza imveliso), umlenze wokuthengisa (intengiso) kune nomlenze wolawulo (kuquka nokusetyenziswa kwemali).

Umlenze ngamnye ufanele ukuba namandla awaneleyo okuyigcina imile itafile, futhi ihlale inobude bayo, amandla alingeneyo ukuze itafile ihlale ilingana macala ibe nolungelewano. Ukuba kukho nawuphi umlenze oxenga-xengayo, itafile iyakelela; ukuba umlenze lowo uyafohloka iyawa itafile. Okudekwe etafileni emcaba, izinzisa ubume bayo ukuze kwenziwe kuyo imisebenzi yemihla ngemihla nezinto eziqhutywa kuyo zeshishini.

Khumbula ekuba enyanisweni ulawulo luthetha ukuba kwenziwa izicwangciso, ulungiselelo, impumezo kune nokubek' iliso (umsebenzi wolawulo) lwazo zonke iinkalo zolawulo ngendlela efanelekileyo. linkalo zolawulo kwenziwa kwemveliso-, ukuthengisa-, ukuthenga-, ukunceda ngemali-, ulawulo-, ubutyebi obungabasebenzi-, ubudlelwane babasebenzi-, ulawulo lwempahla yexabiso nempahla egciniweyo-, kune nolawulo jikelele. Ngaxeshanye, xa sisenza umsebenzi ngamnye kwimisebenzi yolawulo – umlimi/umphathi ngokunjalo makabe yinkokeli elungileyo, ekwaziyo ukwenza iziggibo nonxibelelwano lwangaphakathi no-lwangaphandle, abele abasebenzi imisebenzi yabo, anxulumanise amacandelo, akhuthaze abasebenzi bakhe agcine ucwangco ngendlela engacwangciselwanga nangecwangciselweyo.

Ibalu elimalunga nefilosofi ka-Ackerman kukuba itafile imele ishishini ukuze imilenze ibe ziinkalo ezithile zolawulo. UAckerman wafurnisa ukuba kunzima kakhulu ukulawula zonke

iinkalo zolawulo ukuba zide zigqibelete waze wenza isiggibo zokuzikisa ingqondo kwiinkalo ezine – imilenze emine yeshishini lakhe. Ezi nkalo zifanele ukulawulwa ngendlela efanelekileyo ukuze ishishini ligcinwe lizinzie futhi liqhuba kakuhle. Ukuba kukho nokuba inye inkalo yolawulo (umlenze) engalawulwa kakuhle ishishini alisayi kuqhuba ngaphandle kwamagingxingxi nangendlela elifanele ukuqhutywa ngalo ukuze ligqibele ngokusilela.

Ngokuphathelele kwinkangeleko yanamhla kwishishini, masiluchaze ngokutsha olu luvo njengoluvo apho inkalo nganye yolawulo ibonwa njengetafle eyakhiwa phezu kwemilenze emine, eyocwangciso, ulungiselelo, impumezo nokubek' iliso. Ishishini lakho ke ngoko linokuchazwa njengeetafile ezilithoba – iinkalo zolawulo ezilithoba – ezibekelwe ngokwephiramidi. Cinga ngeephiramidi zabantu esasithanda ukuzakha sisengabantwana, xa lo mntu osezantsi edilika (iingalo zalo mntwana zazisuka zoysisakale), ize iphiramidi ipatyalake yonke phantsi. Ingaba uzenza kakuhle izinto kwishishini lakho ukuze unike inkxaso kuzo zonke itafile zokugcina iphiramidi yeshishini lakho imi nkqo?

Malunga nomlimi womsebenzi omncinane ozenzela wonke umsebenzi ngokwakhe, kuba nzima ngakumbi ukulawula inkalo nganye ukuze igqibelete. Ngoko ke, umyalezo uthi gqalisela kwiatafile ezine, kuba izezona zibalulekileyo (iinkalo zolawulo) ukuze ezinye zime phezu kwa zo okanye ziwe. Emva koko jolisa ekuzilawulen i ezi nkalo kakuhle kangangoko unokwenza ukuze uphuhlise uzinzo namandla ayimfuneko. Ukuba ezi tafile zisebenza kakuhle ziya kuxhasa nezinye itafile. Amashishini amaninzi, afana neshishini lokufama ami phezu kweetafile ezine eyemveliso, eyokuthengisa, eyokusetyenziswa kwemali neyobutyebi obungabasebenzi. Akunakukwazi ukwenza yonke into igqibelete ngokwakho, ngoko ke jolisa kwezi nkalo okanye

kwezo uzikhethileyo. Itafile nganye inendima yayo eyenzayo, kwaye ngumsebenzi womphathi ukugcina ulungelelwano aqinisekise ukuba konke kusebenza kakuhle.

Ingaba itafile zakho zisemgangathweni ophezelu? Ukuba omnye umlenze mde kumeninye imilenze, iya kukekela itafile, kanti itafile ekekeleyo ayikulungelanga ukudekwa ngezinto zetafile. Umzekelo – ingaba usenze kakuhle isicwangciso somsebenzi wendawo nganye kodwa wasuka awakukhuthalela ukuphumeza izicwangciso zakho. Into efana nokuba ube nesicwangciso sokutyalu imbewu yombona engama-30 000 ngehektare kodwa ugqibele ngokutyalu ama-20 000 kuphela.

Nangona zibalulekile zonke itafile ekuphileni nakwinkqubela yeshishini lakho, itafile yokuthengisa ikholisa ukufohloka kuqala ngenxa yemilenze engomelelanga. ‘Yenzeka lula, kuze kube nzima ukuthengisa’ ngokwesithetho. Ukuba iyafohloka le tafile, nezinye itafile ziya kuwa. Ummandla wentengiso awunalusini, awunanceba, yiloo nto le tafile iyiyo ekukholisa ukuba nzima kakhulu okuyigcina izinzile. libhodi zentengiso kunya ophelileyo zikhokelele ekubeni abalimi abangalufuniyo uphuhliso lwezakhono zobuchule bokuthengisa, bafakwe engxakini yimithetho engagcinwayo. Ngoko ke, yiba soloko usebenzisa umthetho-siseko – ‘ungaze uvelise nayiphi imveliso phambi kokuqiniseka ngentengiso yaloo mvveliso’.

Umfa wetafile ka-Ackerman kwihiabathi lanamhla uphinda ubonwe njengento elula. Kwihiabathi loshishino Iwanamhla, ngakumbi kwezolimo, itafile zima phezu komphezulu osoloko uguqu-guquka notshintshayo – umzekelo, ngenxa yokugungqa-gungqa kwezopolitiko, imiceli-mingeni yentengiso, ubunzima malunga nexabiso lokuthenga kune nemeko yemozulu. Imilenze ifuna ukusoloko iqwalaselwa kanti nokudekwa kwetafile kufanele ukusoloko kulunga-lungiswa.

Khumbula ukuba inzondelelo yanamhla ithetha inguquko – qhuba ngokumana ulungalungisa imilenze yeetafile – ucwangciso, ulungiselelo, impumezo nokubek' iliso. limeko zahluka ukususela kunya othile ukuya komnye ngoko ke ulawulo lwakho lufanele ukusoloko luhlenga-hlengiswa. ●



Athikele e kwadilwe ke Marius Greylings, mokwadi wa Pula Imvula. Fa o tlhoka kitso gape, o ka romela emeile go mariusg@mcgacc.co.za.

I-Grain SA kudliwanondlebe... noAndries van der Poll

Umimi owuthanda shushu umsebenzi wakhe, kwisithili saseSwartland kwiPhondo laseNtshona Koloni, ukholwela ekubeni ukusebenza nzima nokwenza ucwangciselo olufanelekileyo yeyona nto ebenegalelo kwinkqubela nakwimpumelelo yakhe. UAndries van der Poll unamava kune neenkuthazo yokuphumeza injongo yakhe yokuyiqukanisela kangangoko ifama yakhe ngeyantlukwano kwaye unomnqweno wokwabelana nangothando lwakhe olushushu nabanye abalimi abatsha abanomnqweno wokuphumelela.

Uwenza phi futhi ngeehektare ezingaphi umsebenzi wokufama? Ufama ngantoni?

Sifama kwiihektare eziyi-450 (neehektare eziyi-42 zamalungelo amanzi) kwisithili saseSwartland kufuphi neGouda. Sifama ngegusha, iinkomo, iinkozo (ingqolowa, iowuthsi, ilupine nangezityalo ezingamayeza ukwenzela ukujikeleziswa kwezityalo) kanti kulo nyaqa siqale nangombona. Sinawo namadleo aphantsi konkcenkcesho.

Zinto zini ezikukhuthazayo?

Ndiwuthanda shushu umsebenzi wokufama kwaye kwakusekukudala ndiphupha ngokuba nefama eyiyem ukususela ngo-1993. Sazithembisa ukuba sakuthi sakuba nefama ngenye imini siphile ngokwephupha lethu. Ndifumana inkxaso epheleleyo kwinkosikazi nasebantwaneni bam abathe ti ngobomi bam basefama nangomsebenzi wokufama. Ngosuku lokuqala esaya ngalo eKlipdrift ngo-2011, sazithembisa ukuba xa sinokuba nexesha lokuhlala apha siya kuba nempumelelo enku luwicala lokufama. Ndandisoloko ndiphupha ngokuba nomzi omkhulu, oko ke kuyandikhuthaza. Sinamaphupha amaninzi kodwa siyazama ukuthatha inyathelo elinye ngexesa.

Chaza imiba yamandla neyobuthathaka bakho

Imiba yethu yamandla yinyaniso yokuba sinamava awaneleyo, sinothando olushushu kwaye sizimisele ukusebenzela impumelelo kule projekthi. Apho sibuthathaka khona kusekubeni le yifama 'enzima'.

Sasingakanani isivuno sesityalo sakho ngoko wawuqala ukufama? Singakanani ngoku kwezo zityalo?

Ngo-2014 saqlisa ngokufama ngeowuthsi nangeelupine saze ngo-2015 saqlisa

ngengqolowa, kodwa ngenxa yembalela savuna kuphela i-600kg ngehektare. Kunyaka odlulileyo bekubhetelo kodwa kuba silime emva kwexesha sivune i-1,9 yeytoni ngehektare. Malunga neenkomu sibe nesanya se 80% sokhumla kanti malunga neegusha siqalise nge 60% ngo-2014 saze sagqibela ngo-2016 ngesantya sokukhuma se 110%.

Ucinga ukuba yintoni ebinegalelo elingundoqo kwinkqubela nempumelelo yakho?

Ukusebenza nzima nocwanciselo olufanelekileyo sisitshixo senkqubela nempumelelo yethu. Imigqaliselo ikwabaluleke kangako nayo. Ufanele ukwazi okwenzeka kwifama yakho uzazi nalapho uya khona okanye into ofuna ukuba yiyo, nako oko kubalulekile.

Loluphi uqequesho osowulufumene kude kube ngoku iloluphi osanqwenela ukulwenza?

Sifumene uqequesho kulawulo IweMali, uLawulo IweeGusha – iiDohne Merino, ukutshisela iintsimbi nokuLima iNgqolowa. Inkosikazi yam ifumene uqequesho kwezoKhenketho nakulawulo IweMali kanti ngoku ixakeke luqequesho lokufama oluDityanisiwego eKaap Agri Academy, apho awongwe ngebhaso lokubaGqwesa Bonke ngo-2016.

Abasebenzi bethu badinga izifundo zeZakhono zobuChule kunye neziFundongoLondolozo looMatshini kanti mna ndifuna ukwenza idiploma yokufama ngeMfuyo ngokunjalo nangokuTshatyalalisa kwezi-Nambuzane ezoNzakalisa iziTyalo/nokuSebenzisa iiKhemikhali.

Uzibona undawoni kwiminyaka emihlanu? Yintoni onqwenela ukuyiphumeza?

Kwixesha leminyaka emihlanu sifuna le fama ukuba ibe neyantlukwano eggibeleyo, apho kuvunwa khona iitoni zengqolowa ezi-3 nge-



hektare, iitoni zombona eziyi-12 ngehektare kwiihektare eziyi-40, iihektare ezi-2 zeLusini nokuzuza isantya sokukhuma se 140% ezigusheni kananjalo necandelo elandiswe ngokupheleleyo lokhenketho kwezolimo. Sinawo nomnqweno wokuqequesha abantu abatsha abanothando olushushu lokufama.

Ngawaphi amacebiso onokuwanika abalimi abanqwenela impumelelo?

Icebiso lam kubalimi abatsha leli: Ungaze ulahle ithemba, yiba namaphupha ezinto ezinkulu futhi ungaze uyeke ukuphupha. Wabhale phantsi kwindawo ethile uze ucinge kabini ngemini ngephupha lakho, ungalishiyi apho, qalisa ngokulisebenza kwaye ungaze ulahle ithemba futhi ungazifekehthisi.

Inqaku linikelwe nguliana Stroebel, uMquuzeleli wePhondo, (eNtshona Koloni) kwiNkqubo yaseGrain SA yoPhuhliso lwabali. Ngolvazi olithe vetshe, thumela i-imeyili apho: liana@grainsa.co.za.

Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

Suite 3, Private Bag X11, Brandhof, 9324
7 Collins Street, Arboretum
Bloemfontein
► 08600 47246 ◀
► Fax: 051 430 7574 ◀ www.grainsa.co.za

UMHELI OYINTLOKO

Jane McPherson
► 082 854 7171 ◀ jane@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWAHABLELI

Liana Stroebel
► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za

UYILO, UBUME NOSHICILELO

Infoworks
► 018 468 2716 ◀ www.infoworks.biz



IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

iSiXhosa,
IsiNgesi, IsiBhulu, iSeTswana,
iSesotho sa Leboa nesi IsiZulu.

INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUZELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
► 079 497 4294 ◀ johank@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 051 924 1099 ◀ Dimakatso Nyambose

Jerry Mthombohi

Mpumalanga (Nelspruit)
► 084 604 0549 ◀ jerry@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 013 755 4575 ◀ Nonhlanhla Sithole

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
► 082 354 5749 ◀ jurie@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 034 907 5040 ◀ Sydwell Nkosi

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Louwsburg)
► 082 650 9315 ◀ graeme@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8069 ◀ Sydwell Nkosi

Ian Househam

EMpuma-Koloni (Kokstad)
► 078 791 1004 ◀ ian@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 039 727 5749 ◀ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENtshona-Koloni (Paarl)
► 084 264 1422 ◀ liana@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8057 ◀ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
► 082 877 6749 ◀ duoit@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8038 ◀ Lebo Mogatlanyane

Julius Motsoeneng

North West (Taung)
► 076 182 7889 ◀ julius@grainsa.co.za

Sinelizwi Fakade

Mthatha
► 071 519 4192 ◀ sinelizwifakade@grainsa.co.za
► e-Ofisini: 012 816 8077 ◀ Cwayita Mpotyi

Articles written by independent writers
are the views of the writer and not of Grain SA.

Ungaze ulilahle ithemba – emva kwelifu kukho umtyhi wokukhanya

Wakhe wamva umntu esithi: "Ngenye imini xa ndisiya kumhlala-phantsi, okanye xa ndinemali eyaneleyo, ndiza kuthi chu – mhlawumbi ndingenza umsebenzi wokufama." Ngokujinisekileyo, ubomi basefama bunawo umtsalane xa butheleki-swa nesiphithiphithi sesixeke. KODWA ingaba aluchanekanga kangakanani ulovo lokuba ukufama akunazinkxalabo kwaye kuyindlela elula yokuziphilisa? Awunzimanga kuperha – unzima ngokuthe kratya kokunzima!

Akukhathaliseki ukuba umlimi uyilawula kakuhle kangakanani inkazo yemingcipheko ajongene nayo, indalo izenzela okwayo ingabhungisanga kwaye ayilawuleki. Amapupha ethu apatyala rhoqo ngenxa yezinto ngezinto. (Kwiminyaka embalwa edlulileyo, ibiyimbalela ebizingile kunye nobushushu obebuqhalelisa). Abalimi beenkozo bazizisulu ngakumbi bona. Umsebenzi wokufama awufuni magwala – uyakwazi oko!

Umsebenzi wokufama ubaluleke ngaphezu kwazo zonke izifundo zobungcali. Ngaphandle komlimi nokunyamezela kwakhe akunakubaho ukuya – kanti ngaphandle kokutya aku-ho bomi. Ngokunjalo, umsebenzi wokufama ukwangowona msebenzi wobungcali omthobayo umntu – ayinamida indela indalo emangalisa ngayo, nethoba umntu ngayo neluleka umlimi ngayo.

Ndiqinisekile ukuba sonke siziqheli le izifundo eziseBhayibhileni malunga namaxesha endyebo kunye namakesha endlala – malunga

nokulondoloza ngamaxhesha alungileyo ukuze kubekho ubonelelo ngamaxhesha anzima. Kodwa kwasona esi sifundo sisixeleta ukuba **akukho meko ehlala ingaguquki kude kubegunaphakade – inguqukuo ayinakuthinteleva, nokuba ingathatha ixesha elide kangakanani.** Kweli xesha eMzantsi Afrika, kulindelele ubungcono kuperha – **NDIYATHEMBA!**

Xa sivuka ekuseni SINETHEMBA lokuba iza kuna imvula, SINETHEMBA lokuba imbewu yethu iza kuntshula, SINETHEMBA lokuba umphathi webhanki uza..., SINETHEMBA... kwakhona SINETHEMBA...ngokunjalo SINETHEMBA. Ithemba nokholo zizinto afanele ukubambelela kupo umlimi.

Cinga ngezi zicatshulwa zithathu zenkuthazo ngokubhalwa nguConfucius (Ingcali yefilosofi yomTshayina 551BC - 479BC):

- "Olona zuko lwethu lukhulu, alukho ekubeni singasileli kwaphela, kodwa lusekuvukeni qho emva kokuwa."
- Akukhathaliseki ukuba sicotta kangakanani kulungile oko xa singemi bhuxe."
- "Indoda eshenxisa intaba iqala ngokususa amaye amancinane."

Khangela elo lifu...Ungaze ulahle ITHEMBA – akukhathaliseki nokuba unaqala umsebenzi obusowenzile ngokutsha.

Inqaku linikelwe nguRaymond Boardman, uMlimi noMcebisi waseBuckingham, eVentersdorp, kwiPhondo laseMntla Ntshona. Ngolwazi oluthe vetshe, thumela i-imeyili apho: rboardman@gmail.com.



Pula Imvula's Quote of the Month

*Keep away from people who try to belittle your ambitions.
Small people always do that, but the really great makes you
feel that you, too, can become great.*

~ Mark Twain



THIS PUBLICATION IS
MADE POSSIBLE BY THE
CONTRIBUTION OF
THE MAIZE TRUST